

## Celebrate with us!

This is a very special edition of the Nal'ibali Supplement – it's the 150th edition AND we're celebrating World Read Aloud Day. World Read Aloud Day is celebrated by people from all over the world who are passionate about children's books and reading. Every year Nal'ibali joins in these celebrations to raise awareness in our own country of how reading aloud supports children's literacy development. Reading aloud to children on World Read Aloud Day shows our commitment to the power of literacy, and is a very practical way of showing everyone that we think reading matters. Join us on 1 February 2019 and play your part in growing a nation of readers!

### READING ALOUD TIPS

1. Reading aloud is always a performance! Put lots of expression in your voice to create the right mood.
2. If you are reading to a group of children, practise reading the story aloud a few times before reading it to them.
3. Start by reading the name of the author and illustrator so that your children appreciate that books are created by people just like them!
4. Allow time for your children to look at the pictures and comment, if they want to.
5. Help develop your children's prediction skills by asking questions like, "What do you think is going to happen next?" once or twice during the story.
6. Help develop empathy as you read by occasionally asking questions like, "I wonder how Afrika felt?"



### INSIDE!

A special Nal'ibali World Read Aloud Day cut-out-and-keep book, *Where are you?*, (pages 5, 6, 11 and 12).

### NGAPHAKATHI!

Incwadana enokusikwa-ze-igcinwe yohlobo olulodwa yakwaNal'ibali yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, *Uphi?* (iphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12).

### IINGCEBISO ZOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

1. Ukufunda ngokuvakalayo kusoloko kufana nqwa nomboniso oludlalisogongeni! Ngoko ke ilizwi lakho maliphuhlise isimo sengqondo nezimbo zabalinganiswa, umzekelo, thoba ilizwi ukuvakalisa udano, usizi nonxunguphalo, uze ulinyuse xa uvakalisa ihlombe nolonwabo.
2. Xa ufundela iqela labantwana, ziqhelise ukulifunda ibali ngokuvakalayo amaxesha aliqela phambi kokuba ulifundele bona.
3. Qala ngokufunda igama lombhali nelomzobi ukuze abantwana bakho baqonde ukuba iincwadi zibhalwa kwaye zizotyelwa ngabantu abafana nabo!
4. Nika abantwana bakho ixesha lokuba babuke imifanekiso ze benze amagqabantshintshi ngayo, ukuba bafuna ukwenza njalo.
5. Nceda ukuphuhlisa izakhono zabantwana bakho zokuxela kwangenxa engaphambili nokuqikelela ngokubabuzwa imibuzo efana nalo uthi, "Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni ke ngoku?" kanye okanye kabini ngexesha kubaliswa ibali.
6. Ncedisana nabo ekuphuhliseni uvakalelo ngomnye umntu njengoko ufunda ngokumana ubuza imibuzo enje ngalo, "Azi ukuba uAfrika wayesiva njani?"



## 8 benefits of reading aloud

### Reading aloud to your children:

- ★ shows them that you value books and reading.
- ★ gives you things to talk about together.
- ★ builds a bond between you.
- ★ allows them to experience reading as a satisfying activity.
- ★ motivates them to learn to read for themselves and then to keep reading.
- ★ shows them how we read and how books work.
- ★ lets them enjoy stories that are beyond their current reading ability.
- ★ develops their imagination, vocabulary and language abilities.

## Izinto ezi-8 ozizuka ngokufunda ngokuvakalayo

### Ukufundela abantwana bakho ngokuvakalayo:

- ★ kubabonisa ukuba uzixabisile iincwadi nokufunda.
- ★ kukunika izinto onokuthetha ngazo kunye nabo.
- ★ kwakha ukuqhogana nobudlelwane phakathi kwenu.
- ★ kubavumela ukuba bakubone ukufunda njengento enomdla neyanelisayo.
- ★ kubakhuthaza ukuba bafunde ukuzifundela ngokwabo, ukuze baqhubekeke befunda.
- ★ kubabonisa indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
- ★ kwenza ukuba bakwazi ukonwabela amabali abangekakwazi ukuzifundela wona ngokwabo.
- ★ kuphuhlisa imifanekiso-ngqondweni yabo, isigama sabo kunye nezakhono zabo zolwimi.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.



# Join us on World Read Aloud Day!

Since 2013, Na'ibali has been bringing you a special story to celebrate World Read Aloud Day. Last year, the story was read to over one million children on one day! This year's story, *Where are you?*, features some of our much-loved Na'ibali characters. It was written by award-winning children's author, Ann Walton, and illustrated by cartoonist, Rico. Read it to the children in your life this World Read Aloud Day, 1 February 2019, and be part of the excitement!

## How to join in

1. Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to sign up your family, reading club or school and help make this the biggest World Read Aloud Day celebration in South Africa.
2. Make Na'ibali World Read Aloud Day badges with your children. Use the template on page 16, or design your own badges.
3. On 1 February 2019, read our special World Read Aloud Day story to:
  - ★ your own children, grandchildren, nieces and nephews
  - ★ children in your class or at your school
  - ★ groups of children at specially arranged events at your reading club, library or community centre.
4. Do other fun World Read Aloud Day activities. Use the ideas on page 3 to help you.

# Sijoyine ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi!

Ukususela ngonyaka wama-2013, uNa'ibali usoloko eniphathela ibali elikhethekileyo lokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Kulo nyaka uphelileyo, ibali lafundelwa abantwana abangaphezulu kwesigidi ngosuku olunye! Ibali lalo nyaka, elithi *Uphi?*, linabanye abalinganiswa bakaNa'ibali abathandwa kakhulu. Libhalwe ngumbhali weencwadi zabantwana owawongwa ngeembasa, uAnn Walton, yaza imizobo yazotywa ngumzobi weekhathuni, uRico. Lifundele abantwana ohlala nabo ngolu Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, umhla woku-1 kweyoMdumba wama-2019, ube yinxenye yochulumanco!

## Indlela yokujoyina

1. Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) usayinele usapho lwakho, iklabhu yokufunda yakho okanye isikolo sakho ukuze uncedise ekwenzeni lo ibe ngowona mbhiyozo mkhulu woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi eMzantsi Afrika.
2. Yenza iibheji zokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi nabantwana bakho. Sebenzisani ithempleyithi ekwiphepha le-16, okanye niziyele ezenu iibheji.
3. Ngomhla woku-1 kweyoMdumba ngowama-2019, fundela aba balandelayo ibali ngoSuku lwethu lohlobo olulodwa lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi:
  - ★ abantwana bakho, abazukulwana nabatshana bakho
  - ★ abantwana abaseklasini yakho okanye esikolweni sakho
  - ★ amaqela abantwana kwiminyhadala ekhethekileyo yeklabhu yokufunda yenu, elayibrari okanye kwiziko loluntu.
4. Yenza neminye imisetyenzana eyonwabisayo yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Ungasebenzisa iingcebiso ezikwiphepha le-3 ukwenza oko.

## REMEMBER!

We need to read aloud to our children every day - not only on World Read Aloud Day! If we read to them for just 15 minutes every day in 2019, we will have read to them for 5 475 minutes by the end of the year. That's 91½ hours of reading fun!

## KHUMBULA!

Kufuneka sibafundele ngokuvakalayo abantwana bethu yonke imihla - kungabi kuphela ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi! Ukuba sibafundela kwimizuzu eli-15 kuphela yonke imihla ngo-2019, siya kuba sibafundele imizuzu engama-5 475 ekupheleni konyaka. Ezo ziinyure ezingama-91½ zokufundela ulonwabo!



The simple act of reading aloud on World Read Aloud Day is about more than people sharing stories they enjoy. It also shows our children and others around us that:

- we think reading is important.
- we are committed to helping children become readers by reading aloud to them regularly.
- we believe that everyone has the right to learn how to read!

Isenzo esilula sokufunda ngokuvakalayo ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi singaphezulu kokubaliselana kwabantu amabali abawathandayo. Sikwabonisa abantwana bethu nabanye abakufutshane kuthi ukuba:

- sicinga ukuba ukufunda kubalulekile.
- sizinikele ekuncediseni abantwana ukuba babengabafundi ngokubafundela ngokuvakalayo rhoqo.
- siyakholelwa ukuba wonke umntu unelungelo lokufunda indlela eyiyo yokufunda!



Drive your imagination



# Activities for World Read Aloud Day



1. Let your children make their World Read Aloud Day badges (see page 16) before 1 February so that they can wear them on World Read Aloud Day.
2. Read the special World Read Aloud Day story, *Where are you?*. Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) and sign up to let us know how many children you read to.



## How to share the story

- ★ Before you read the story, introduce it to the children. Ask them, "Have you ever got lost? How did you feel?" Encourage them to share their experiences with you.
- ★ Read the story, *Where are you?*, to the children. (Practise reading it aloud a few times before you read it aloud to them.) Bring the story alive by putting lots of expression into your voice and using body actions as you read.
- ★ After you have read the story, ask the children these questions.
  - ☉ Do you think Afrika's mother got lost, or was it Afrika who got lost? Why do you think this?
  - ☉ If you lost someone in a busy place, what could you do to try to find them? How many different suggestions can you think of?



# Imisebenzi yoSuku lokuFunda ngoku-Vakalayo lweHlabathi



1. Nika abantwana bakho ithuba lokuba bazenzele ibheji zabo zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (jonga kwiphepha le-16) phambi komhlawo-1 kweyoMdumba ukuze bazixabe ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.
2. Funda ibali elikhethekileyo loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi elithi, *Uphi?*. Yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze usayine ngeenjongo zokusazisa ukuba bangaphi na abantwana obafundeleyo.

## Indlela yokwabelana ngebali

- ★ Phambi kokuba ulifunde ibali, lazise ebantwaneni. Babuze, "Wakha walahleka? Waziva njani?" Bakhuthaze babelane nawe ngamava wabo.
- ★ Fundela abantwana ibali elithi *Uphi?*. (Ziqhelanise nokulifunda ngokuvakalayo amatyeli ambalwa phambi kokuba ulifunde ngokuvakalayo). Lenze libe nomdla ibali ngokuguqu-guqula ilizwi ukulungiselela imeko nokusebenzisa intshukumo yamalungu omzimba njengoko ufunda.
- ★ Emva kokuba ulifundile ibali, buza abantwana le mibuzo.
  - ☉ Ucinga ukuba umama kaAfrika walahleka okanye yayinguAfrika owalahlekayo? Kutheni ucinga njalo?
  - ☉ Ukuba wawulahlekene nomntu kwindawo ephithizela abantu, wawunokwenza ntoni ukuzama ukumfumana? Mangaphi amacebo onokuwacinga?

3. Choose some of the activities suggested for *Where are you?* in the "Get story active!" section on page 15.

3. Khetha eminye yemisebenzisa ecetyiswa kwibali elithi *Uphi?* Kwicandelo elithi "Yenza ibali linike umdla!" kwiphepha le-15.

4. **At your school:** Arrange a special assembly to celebrate World Read Aloud Day and have one or more of the staff read our story, *Where are you?*, to the children. Organise for the older children to read to the younger children some time during the day.




5. **In your classroom:** Find something to use as a sound signal, like a drum or a plastic bottle filled with dried beans. Throughout the day on 1 February, whenever the children hear the sound signal, they should stop what they are doing and listen to you read a different story (or a chapter from a novel) to them.

4. **Esikolweni sakho:** Lungiselela indibano ekhethekileyo yokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ukuze omnye woogxa bakho okanye ababini afunde abantwana ibali lethu elithi *Uphi?*. Lungiselela ukuba abantwana abadala bafunde abancinane ebudeni bemini.

5. **Eklasini yakho:** Fumana into oza kuyisebenzisa njengesixhobo esingumqondiso wesandi, esifana negubu okanye ibhotile yeplastikhi ezaliswe ngeembotyi ezomileyo. Imini yonke ngomhla woku-1 kweyoMdumba, qho abantwana xa besiva umqondiso wesandi, mabayeke loo nto bayenzayo baphulaphule kuwe ubafundela ibali elohlukileyo (okanye isahluko kwinoveli).

6. **At your library or reading club:** Make World Read Aloud Day 2019 posters. Let the children cut out letters or words and pictures from magazines and newspapers, draw pictures and write their own words. Encourage them to make up and include slogans on their posters that encourage adults to read to children.



6. **Kwithala lakho leencwadi okanye iklabhu yokufunda:** Yenza iipowusta zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Yalela abantwana ukuba mabasike oonobumba okanye amagama nemifanekiso kwiimagazini namaphephandaba, bazobe imifanekiso babhale awabo amazwi. Bakhuthaze ukuba babhalele abantu abadala amazwana enkuthazo okuba babafunde abantwana baze bawafake nakwiipowusta zabo.

**WIN! WINA!**



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *That's not Thabi!* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.


Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Asingo Thabi lowo!* (kwiphepha le-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoghagamshelwano.



Drive your imagination




# 150 editions of Na'ibali ★ lintlelo ezili-150 ezipapashiweyo zikaNa'ibali



## Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



## Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



"Ndaqala ndazama ukuhamba ndithwele  
incwadi," watsho. "Kufuneka indloko  
uyigcine ingashukumi xa uhamba."  
Wabuyisela ibhotile yesiselo entloko  
kuAfrika. "Hamba kancinci ngoku,  
impumlo ithi qwa emoyeni,  
okwenkosana."  
UAfrika wahamba wajikeleza  
uAsanda ethe chu, indloko  
eyigcine ingashukumi yona  
impumlo ithe qwa emoyeni.  
Yaza ibhotile yangawil!

"Jonga Mai! Ndijonge...," watsho  
uAfrika, kodwa wayengamboni  
umama wakhe! Umtu othile  
wagila uAfrika yaza ibhotile  
yesiselo yawa. Kodwa wayelibeke  
ngebhodle – wayefuna ukwazi  
ukuba uphi umama wakhe!

"Uphi, Mama?" wakhwaza.  
Zange kubekho mpendulo.  
"Mama!" wakhwaza ngakumbi.  
Akwabikho mpendulo.



"I first tried walking with books on my  
head," she said. "You have to keep your  
head still when you walk." She put  
the coldrink bottle back on top of  
Afrika's head. "Walk slowly now,  
with your nose in the air, like  
a prince."  
Asanda walked around  
his head still with his nose  
in the air. And the bottle  
stayed on!

"Look, Mai! Look at me..."  
said Afrika, but he couldn't  
see his mother! Someone  
bumped into Afrika and the  
coldrink bottle fell off his  
head. But he had forgotten  
about the bottle – he wanted  
to know where his mother was!

"Where are you, Mama?" he  
called. There was no answer.  
"Mama!" he called a little louder.  
Still no answer.



Afrika is at the market with his mother and younger sister, Dintle, when he meets a new friend, Asanda. But Afrika is so busy learning how to carry things on his head that he loses his mother! Will he be able to find her in the crowds of people at the market?




UAfrika usemarikeni nomama wakhe kunye nodadewabo omncinane, uDintle, xa edibana nomhlobo wakhe omtsha, uAsanda. Kodwa uAfrika uxakeke kakhulu ngokuzifundisa ukungcekelela izinto entloko wade walahlekana nomama wakhe! Ingaba uya kukwazi ukumfumana kwezo zihlwele zabantu ezisemarikeni?

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

## Where are you? Uphi?



**Ann Walton  
Rico**

**Sindiswa Mbokodi**

World Read Aloud Day 2019 • USuku lokuFunda ngokuVakalayo  
lweHlabathi ngowama-2019



**Drive your  
imagination**





“NdinguAfrika. Waku funda njani ukwenza loo nto?” wabuza uAfrika.

“NdinguAsanda,” watsho.

“Vhoo!” watsho uAfrika, ethabathekile. “Ungubani igama lakho?”

uAfrika oku kwenkosazana eziqhenyayo.

entloko yakhe, waza impumlo eyithe gwaa, wahamba wajikeleza ukuba yenziwa njani loo nto!” Wathatha ibhotile yesiselo, wathwala “Wee!” kwatsho intombazana kufutshane naye. “Ndiza kukubonisa

“We’re going shopping! We’re going shopping!” Afrika jumped up and down in front of Dintle. His mother, Mme wa Afrika, smiled at him, and Dintle clapped her hands.

“Yes,” said Mme wa Afrika, “so put your shoes on. We have to hurry. We still have to walk to the bus stop.”

“Siyokuthenga! Siyokuthenga!” UAfrika watsiba-tsiba phambi koDintle. Umama wakhe uMme wa Afrika wamncumela, waza uDintle waqhwaba izandla.

“Ewe,” watsho uMme wa Afrika, “ngoko ke nxiba izihlangu zakho. Kufuneka sikhawuleze. Kusafuneka sihambile siye esikhululweni sebhasi.”



Bobabini uAsanda noAfrika bahamba phakathi kwezihlwale zabantu. Ngequbuliso uAfrika weva igama lakhe! “Afrika! Afrika! Uph!”

“Lilizwi likamama elo,” watsho uAfrika. “Owu bethu, ulahlekile! Ndiyeva ukuba ukhathazekile. Kuvakala ngathi ukufutshane nevenkilana ethengisa iincwadi. Yiza, masibaleke, Asanda!”

“Umama wam ulahlekile!” watsho uAfrika kuAsanda.

“Besisenndleleni eya kwiivenkilana ethengisa iincwadi esekoneni, kodwa ngoku akakho!”

“Ndiya kwiivenkilana ethengisa iincwadi nam! Ndiza kuthenga iincwadi yamabali ngemali endiyongileyo. Mhlawumbi umama wakho usevenkileni ethengisa iincwadi. Masiyokukumkhangela!” wacebisa uAsanda.

“That’s my mother’s voice,” said Afrika. “Shame, she is lost! I can hear she’s upset. It sounds as though she’s near the book stall. Come, let’s run, Asanda!”

Together Asanda and Afrika walked through the crowds of people. All of a sudden Afrika heard his name! “Afrika! Afrika! Where are you?”

“I’m going to the book stall too! I’m going to buy a storybook with the money I’ve saved. Maybe your mama is at the book stall. Let’s go find her!” suggested Asanda.

“My mother is lost!” said Afrika to Asanda. “We were on our way to the book stall on the corner, but now she’s gone!”








ULucy waqhuba ngokumkhangelisa esityeni.

Lucy kept looking around the garden.

“AsingoThabi lowo! Yimvubu!”

“That’s not Thabi! That’s a hippopotamus!”



**That’s not Thabi!**

**AsingoThabi lowo!**



Jon Keevy

Mbongeni Fongoqa

Roulé le Roux



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

“UThabi uqubha echibini.”  
“Uphe uThabi?” Lucy wabuza k uTata.

“Thabi’s swimming in the pool.”  
“Where’s Thabi?” Lucy asked Pa.




Lucy woke up. Her sister, Thabi, wasn’t in her bed.

Wavuka uLucy. Udadewabo, uThabi, wayengekho ebhedini yakhe.


“Uphe uThabi?” Lucy wabuza ummelwane.  
“UThabi udlala epakini.”

“Thabi’s playing in the park.”  
“Where’s Thabi?” Lucy asked the neighbour.




“Ndiyabulela,” watsho uThabi. “Kusithukuthezi kakhulu phakathi kwemvubu.”





“That’s not Thabi! That’s a hippopotamus!”  
 “Asingo Thabi lowo! Yimvubu!”



ULucy wamkhangela kuyo yonke indlu.  
 Lucy looked all over the house.



“Thanks,” said Thabi. “It’s very boring  
 inside a hippopotamus.”



“Where’s Thabi?” Lucy asked Ma.  
 “Thabi’s in the kitchen eating breakfast.”  
 “Uphi uThabi?” ULucy wabuza kuMama.  
 “UThabi usekhitshini utya isidlo sakusasa.”





Then Lucy heard a funny noise. She gave the hippopotamus a big tickle.

Emva koko uLucy weva ingxolo engaqhelekanga. Wanyumbaza imvubu kamnandi.



“There’s Thabi!”

“Nanko uThabi!”



“AsingoThabi lowo! Yimvubu!”



“That’s not Thabi! That’s a hippopotamus!”





Together the children ran to the book stall, and there, right in front of it, were Mme wa Afrika and Dintle. Mama opened her arms and Afrika ran straight into them.

“Hello, Mama, are you alright?” asked Afrika. “Don’t worry now, we’ve found you and Dintle. You aren’t lost anymore.”

Dintle was very happy to see her big brother. Afrika bent down and gave her a hug.

Bobabini abantwana babaleka ukuya kwiivenkilana ethengisa iincwadi, yaye ngqo phambi kwayo, yayinguMme wa Afrika noDintle. UMama waziwula iingalo zakhe waza uAfrika wabaleka ngqo waya kungena kuzo.

“Molo Mama, akukho ngxaki?” wabuza uAfrika. “Ungazikhathazi ngoku, sinifumene ninoDintle. Anisalahlekanga.”

UDintle wayonwabe kakuhlu ukubona ubhuti wakhe. UAfrika wagoba wamanga.

“Please, may I have it?” Afrika asked his mother.

“Yes, if you like it,” said Mama.

Then it was time to go. “Look, Asanda! I’m taking my book home on my head!” Afrika said, balancing his new book on his head.

“Don’t forget to keep your nose in the air, like a prince!” laughed Asanda.

“Ndiyacela, ungandithengela yona?” uAfrika wamcela umama wakhe.

“Ewe, ukuba uyayithanda,” watsho uMama.

Lafika ixesha lokuba kuhanjwe. “Jonga, Asanda! Ndigoduka nencwadi yam ndiyithwele!” watsho uAfrika engcekelele incwadi yakhe entsha.

“Ungalibali ukuyithi qwa impumlo yakho emoyeni njengentosana!” wahleka uAsanda.

Afrika watched the lady walk away until she disappeared into the crowds of people standing in between the market stalls.

“I bet I can carry things on my head too!” Afrika said to himself. He saw an empty plastic cooldrink bottle on the ground. He picked it up and put it on his head, but he had to hold onto it because it kept falling off.

“Eish!” said a girl right next to him. “I’ll show you how to do that!” She took the cooldrink bottle, put it on her head, and with her nose in the air, she walked around Afrika like a proud princess.

“Yoh!” said Afrika, very impressed. “What’s your name?”

“I’m Asanda,” she said.

“I’m Afrika. How did you learn to do that?” Afrika asked.

UAfrika wambukela lo mama ehamba esimka wada wanyamalala kwisiqhu sabantu ababeme phakathi kweevenkilana.

“Ndiqimisekile nam ndingazithwala izinto entloko!” watsho uAfrika ezithethela. Wabona ibhotile yesiselo yeplastiki eyayingenanto phantsi. Wayichola wayithwala, kodwa kwafuneka eyibambile kuba yayimana isiwa.

At the bus stop, there were a lot of people waiting for the bus. And when they all got onto the bus, everyone was a bit squashed. Mme wa Afrika held Dintle on her lap. Then a lady sat down next to her. Afrika sat on the other side of his mother, squashed against the window. But he didn’t mind at all because it meant that he could look out of the window.



Finally the driver called out, “Last stop!”

“Come on, Afrika. This is where we get off,” said his mother.

Esikhululweni sebhasi, babebaninzi abantu ababelinde ibhasi. Besakuba bonke bengenile ebhasini, bonke babexinene. UMme wa Afrika wamsingatha uDintle. Kwahlala omnye umama ecaleni kwakhe. UAfrika wahlala kwelinye icala likamama wakhe, ecudiseke ngasefestileni. Kodwa wayengakhathazekanga konke konke kuba le nto yayithetha ukuba uza kukwazi ukukroba ngefestile.

Ekugqibeleni umqhubi wakhwaza, “Isikhululo sokugqibela!”

“Yiza, Afrika. Sehla apha,” watsho umama wakhe.



After they got off the bus, Mme wa Afrika tied Dintle on her back. “Stay close to me,” she told Afrika. “This is a very busy place.” It was busy. There were people carrying bags and pushing trolleys full of shopping. There was also a lady with her shopping balanced on her head. “Can you do that, Mama?” Afrika asked his mother. “Do what?” asked Mme wa Afrika. “Carry things on the top of your head like that,” said Afrika. “Of course I can. It’s easy,” said his mother. Emva kokuba behlile ebhasini, uMme wa Afrika wambelaka uDintle. “Hamba kufutshane nam,” waxelela uAfrika. “Yindawo ephithizela kakhulu le.” Ngenene kwakuphithizela. Kwakukho abantu abathwele iingxowa betyhala iinqwelwana ezizele zizinto ezithengiweyo. Kwakukho umama owayeyingcekelele entloko eyakhe impahla ethengiweyo. “Uyakwazi ukwenza laa nto wena, Mama?” uAfrika wabuza umama wakhe. “Ukwenza ntoni?” wabuza uMme wa Afrika. “Ukuthwala izinto entloko ngoluya hlobo,” watsho uAfrika. “Ewe ndiyakwazi. Kulula,” watsho umama wakhe.




“Mama, this is Asanda, my new friend,” said Afrika. “She taught me how to balance a cooldrink bottle on my head. She wants to buy a book.”

“Hello, Asanda, I am glad to meet you,” said Mme wa Afrika smiling. “Now, let’s look at the books and see what we can find! Afrika, remember you wanted to learn how to make a bird house.” They all spent some time looking at the books and Mama found one which showed you how to make different things from wood.

“Mama, lo nguAsanda, umhlobo wam omtsha,” watsho uAfrika. “Undifundise ukungcekelela ibhotile yesiselo entloko. Ufuna ukuthenga incwadi.”

“Molo Asanda, ndiyavuya ukukwazi,” watsho uMme wa Afrika encumile. “Ngoku masijongeni iincwadi siboneni ukuba singafumana ntoni na! Afrika, khumbula ukuba wawufuna ukufunda ukwakha indlu yentaka.” Bonke bathatha ixesha bejonga iincwadi waza uMama wafumana eyayibonisa indlela yokwenza izinto ezahlukeneyo ngomthi.







# Feleng learns to read

By Joanne Bloch Illustrations by Anita Sent




Feleng the fishmoth loved stories. "Mama," he said every night, "please tell us a story. I promise we'll go to sleep straight afterwards. Please, please, please!"

Mama Fishmoth only knew one story, and she was a bit tired of telling it. But Feleng and the other fishmoth children begged so much that she always gave in. She told them about her adventures in the kitchen. She spoke about her long journey there, and about all the big, strange things she had seen in the cupboards. "Humans use so many things, like cups and plates and spoons," she said. "Humans are very strange!"

The best part of the story came when Mama Fishmoth told the children about all the food she had tasted. "There were breadcrumbs, apple peels, delicious lumps of porridge and grains of sugar behind the stove ..." she said.

"Yum!" they murmured in dreamy voices. "Yum, yum!"

But soon their eyes grew huge. She had reached the terrible part of her story – the day a human had tried to squash her. "I ran for my life!" said Mama Fishmoth, rolling her eyes, and all the fishmoth children shivered and moaned and twitched their feelers ... That meant it was time for bed.



One day, Mama Fishmoth told her children to go out for lunch. "Feleng, you are the oldest," she said. "Please take good care of your sisters and brothers."


Fishmoths don't eat every day, so the little fishmoths were very excited. Impatiently they waited until the humans had left and the house was quiet. Then one by one, they slid out of the crack in the wall where they lived. "Follow me," whispered Feleng. "Do exactly what I do."

Up, up, up the leg of a huge table they slithered. On the table were three or four open books with paper and crayons scattered about. "Look at all this tasty food, just lying here waiting for us!" chuckled Feleng's sister Phuti. "It's a good thing the human children are so messy!"

"Yum!" said all the fishmoth children as they climbed into the spine of one of the books. "Yum, yum!"

But suddenly, Feleng spoke. "Don't eat the books," he said. "Eat that instead." He pointed to a crumpled up drawing. "That will be tastier. There's lovely crayon on it."

"Oh, all right," said his brothers and sisters. They were too hungry to fight with him. Soon they were all busy nibbling at the drawing – all except Feleng. First, he stared at the black squiggles and the bright pictures on the open pages of the book. Then he climbed up into it, and began to move slowly and carefully from squiggle to squiggle. At first, his brothers and sisters were too busy munching to notice what he was doing. But after a while, his little sister Fifi looked up. "What are you doing, Feleng?" she asked in her high, squeaky voice. "Why aren't you eating?"



Feleng just smiled. "You wait and see," he said. "I'll tell you later."

That night, when the little fishmoths were cuddling up to their mother in the crack in the wall, Feleng started to speak. "I know what you want!" said Mama Fishmoth. She was in a good mood after her peaceful day alone at home. "You want me to tell you a story."

Feleng grinned. "Not tonight," he said. "Fifi, tell Mama what I did today."

When Mama Fishmoth heard how Feleng had moved along the squiggles in the book while the other children were eating, his mother was a bit worried. "What were you doing, Feleng?" she asked. "All children need to eat, you know."

"I can eat tomorrow," said Feleng. "Today I did something even better – I learnt how to read!" Then he explained how he had looked from the black marks on the page to the pictures. "I realised they were telling me something," he said. "After some time, I started to understand what the squiggles meant ... they are letters, and letters make words. And words make sentences, and sentences make stories. So tonight, you can rest, Mama – tonight it's my turn to tell YOU a story!"

With that, Feleng told his mother and brothers and sisters a story about a human child who went down to the river and met a crocodile. "What's a river? What's a crocodile?" shouted the little fishmoths.

"I don't know," laughed Feleng. "I'll have to find out tomorrow. But the picture showed a huge, scary creature with a very big mouth."

"Like a human!" said Mama with a shudder, and all the fishmoth children shivered and moaned and twitched their feelers ... That meant it was time for bed.



# UFeleng ufunda ukufunda

Libali likaJoanne Bloch ■ Imifanekiso izotywe nguAnita Sent  
Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile




UFeleng inundu wayewathanda amabali. “Mama,” wayesitsho qho ngokuhlwa, “ndicela usibalisele ibali. Ndiyathembisa sizakuya kulala emva koko. Ndiyakucela torho, ndiyakucela!”

UMama Nundu wayesazi ibali elinye kuphela, kwaye wayesele ebukruquka kukusoloko elibalisa. Kodwa uFeleng nabanye abantwana benundu babesoloko bemcenga ade alibalise kwakhona. Wabaliselisa ngokubalasela kwakhe kwigumbi lokuphekela. Wathetha ngohambo lwakhe lwalapho, nangezinto ezinkulu nezingaqhelekanga awathi wazibona ekhabhathini. “Abantu basebenzisa izinto ezininzi, ezifana neekomityi neepleyiti namacephe,” wabalisa watsho. “Abantu abaqhelekanga ngeyona ndlela!”

Uvutho-ndaba lwebali kuxa uMama Nundu wayexelesa abantwana ngeentlobo zokutya athe wazingcamla kolu hambo lwakhe. “Kwakukho iinguqu zezonka, amaxolo wama-apile, izigaqa zezidudu ezimnandi namagaqa eswekile emva kwesitovu ...” wabalisa watsho.

“Mh-h-h!” badumzela ngamazwi anethemba. “Mh-h-h tana!”

Kungekudala amehlo abo atwezeka. Wayefike kwisigaba esibi sebali – mhla umntu wazama ukumshwabadela. “Ndabalekela ukusindisa ubomi bam!” watsho uMama uNundu, edlalisa amehlo akhe, lo gama abantwana benundu bengangcazela, bencwina bedikizelisa iimpondwana zabo ... Oku kwakuthetha ukuba eli lixesha lokulala.



Ngenye imini uMama Nundu waxelela abantwana bakhe ukuba bahambe baye kutya isidlo sasemini. “Feleng, nguwe omdala,” watsho. “Uze uncede ujonge abantakwenu.”

Amanundu awaty yonke imihla, ngako oko amancinci ayelambe kakhulu. Balinda bade bemka abantu kwasala kuthe cwaka endlwini. Nganye nganye alambisa aphuma kwiintanda zodonga lwendlu ayehlala kuyo. “Ndilandeleni,” wasebeza watsho uFeleng. “Nize nenze yonke into endiyenzayo.”


Enyuka enyuka ngomlenze wetafile enkulu. Phezu kwayo kwakukho iincwadi ezintathu okanye ezine ezivuliweyo zinephepha neekhrayoni zithe saa apho. “Khangela oku kutya kunencasa kangaka!” wahleka usisi kaFeleng uPhuti. “Intle le nto yokuba abantwana babantu bengamaxelegu!”

“Mh-h-h!” batsho bonke abantwana benundu ngelixa besenyuka kumqolo weencwadi. “Mh-h-h, mh-h-h!”

Kodwa ngephanyazo, wathetha uFeleng. “Sanukuzitya iincwadi,” watho. “Yityani le nto endaweni yazo.” Watsho ekhomba umzobo orhoqololo. “Imnandi yona. Inencasa emnandi yekhrayoni.”

“Kulungile ke,” batsho abantakwabo. Babelambe kakhulu ukuba bangalwa naye. Ngephanyazo bonke babexakeke ngumzobo – bonke ngaphandle

kukaFeleng. Kuqala, wayeqwalasele kwimigcane egosogoso emnyama nakwimifanekiso enemibala eqaqambileyo kumaphepha encwadi evulekileyo. Emva koko wenyuka kuyo, waze waqalisa ukuhamba kancinane nangobunono ngemigcane leyo igosogoso. Kuqala, oobhuti noosisi bakhe babexakeke gqitha behlafuna baze abakuqaphela oko wayekwenza. Kodwa emva kwethutya, udadewabo omncinci uFifi wajonga waze wabuza wathi. “Wenza ntoni Feleng?” wabuza ngelizwi elikhwazayo, nelitswinayo. “Kutheni ungatyi nje?”



Wasuka wancuma uFeleng. “Linda wena, uza kubona,” watsho. “Ndakubuya ndinibalisele.”

Ngobo busuku, ngethuba amanundu amancinane ayebuthelene kumama wawo kwithanda eliseludongeni, uFeleng waqalisa ukuthetha. “Ndiyanazi ukuba nifuna ntoni!” watsho uMama Nundu. Wayonwabile emva kosuku oluthe cwaka ezihlalele yedwa ekhaya. “Nifuna ndinibalisele ibali.”

Wancuma uFeleng. “Hayi namhlanje,” watsho. “Fifi, xeleda uMama ukuba ndenze ntoni namhlanje.”

Akuva uMama Nundu ngendlela uFeleng ebewalandela ngayo amagosogoso ebesencwadini ngelixa bona abanye abantwana besitya, umama wakhe wababuxhalaba yile ndawo. “Ubusenza ntoni Feleng?” wabuza. “Bonke abantwana kufuneka betyile, uyayazi loo nto.”

“Ndisenokutya nangomso,” watsho uFeleng. “Namhlanje ndenze into engcono nangakumbi – ndifunde ukufunda!” Wacacisa ngendlela ebeyijonge ngayo imibala emnyama ephepheni eyimatanisa nemifanekiso. “Ndiqaphele ukuba bekundixelela okuthile oku,” watsho. “Emva kwethuba, ndiye ndaqalisa ukukuqonda okuthethwa ngaloo magosogoso ... ngoonobumba, kwaye oonobumba benza amagama xa bedibene. Amagama wona enza izivakalisi, zize izivakalisi zona zenze amabali. Ngako oko ngolu rhatya khawuphumle Mama – lityeli lam lokuba ndibalisele WENA ibali!”

Wandula uFeleng wabaliselisa umama wakhe kunye nabantakwabo ibali elimalunga nomntwana womntu owahamba waya emlanjeni waze wadibana nengwenya. “Yintoni umlambo? Iyintoni yona ingwenya?” lakhwaza inundu elincinci.

“Nam andazi,” wahleka uFeleng. “Kuza kufuneka ndikuphande ngomso oko. Kodwa umfanekiso ubonise into enkulu eyoyikekayo enomlomo omkhulu kakhulu.”

“Njengomntu!” watsho uMama ebuhlasimla, batsho bangangcazela bonke abantwana benundu, bencwina bedikizelisa iimpondwana zabo ... Oku kwakuthetha ukuba eli lixesha lokulala.



# Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on the following stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Where are you?* (pages 5, 6, 11 and 12) and *Feleng learns to read* (page 13).

## Where are you?

- 1. Draw a picture of your favourite part of the story.
- 2. Number the pictures below this box so that they match the order in which things happened in the story. Now use the pictures to retell the story.
- 3. Try walking while balancing a plastic cooldrink bottle and then a book on your head – just like Afrika and Asanda did! What other things can you balance on your head while walking?



# Yenza ibali linike umdla!

Nantsi imisetyenzana onokuyizama. Isekwe emabalini alandelayo kolu shicilelo loHlelo lwakwaNal'ibali: *Uphi?* (iphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12) nelithi *UFeleng ufunda ukufunda* (iphepha le-14).

## Uphi?


- 1. Zoba umfanekiso weyona ndawo uyithandayo ebalini.
- 2. Faka iinombolo emifanekisweni engezantsi kwale bhokisi ukuze zihambelane nokulandelelana kweziganeko ezisebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso ukuze uphinde ubalise ibali kwakhona.
- 3. Zama ukuhamba ngelixa ungcekelela ibhotile yeplastikhi yesiselo kunye nencwadi – ngqo ngokwendlela abenze ngayo uAfrika noAsanda! Zeziphi ezinye izinto onokuzingcekelela uhamba?



Answers/Impendulo: 3, 1, 4, 2

## Feleng learns to read

- ✿ Take turns reading the story together, for example, one of you could read the words of Feleng each time.
- ✿ Glue scrap materials like plastic bottle tops and wool or string onto cardboard to create your own fishmoth. Or use paper to make a fishmoth:
  - 1. Cut out different shapes for the fishmoth's head and body.
  - 2. Colour them in.
  - 3. Glue the shapes onto a sheet of paper to make the fishmoth.
  - 4. Draw the mouth and eyes.
  - 5. Finish your fishmoth by using wool or string to create the feelers and six legs.




## UFeleng ufunda ukufunda

- ✿ Nikanani amathuba okufunda ibali kunye, umzekelo, omnye wenu unokufunda amazwi kaFeleng kwithuba ngalinye lakhe.
- ✿ Ncamathelisa ngegulu izinto ezilahliweyo ezifana neziciko zeebhotile zeplastikhi newulu okanye umtya oncamatheliswa ekhadibhodini ukuze wenze inundu lakho. Okanye sebenzisa iphepha ukwenza inundu:
  - 1. Sika iimilo ezahluka-hlukileyo zentloko nezesiqu senundu.
  - 2. Zifakele imibala.
  - 3. Ncamathelisa ngegulu iimilo ezo kwicwecwe lephepha ukuze wenze inundu.
  - 4. Zoba umlomo namehlo.
  - 5. Gqibezela inundu lakho ngokusebenzisa iwulu okanye umtya ukuze wenze iimpondwana nemilenze emithandathu.

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



### 1. Make a badge

1. Cut along the red dotted line to cut out the badge.
2. Colour in the picture.
3. Cut a circle the same size as the badge from some thin cardboard, for example, a cereal box.
4. Use glue to paste the badge onto the cardboard.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
6. Enjoy wearing your badge as you read and listen to stories on World Read Aloud Day.

### Yenza ibheji

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji ngobukhulu kwikhadibhodi ephecephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.



### 2. Do you know what Neo, Bella and Afrika's favourite treats are?

Follow the paths through the maze to find out. Then use this information, as well as your favourite treat, to complete the paragraph.

Neo's favourite treat is \_\_\_\_\_, but Bella loves to eat \_\_\_\_\_. Afrika likes eating \_\_\_\_\_ and my favourite thing to eat is \_\_\_\_\_. Yum!

### Ingaba uyazazi ezona zinto zithandwa nguNeo, uBella noAfrika?

Landela imikhondo yeendlela kuphinye-phinye ukuze uzifumanise. Emva koko sebenzisa ezi nkukacha, ngokunjalo neyona nto uyithandayo, ukuze ugqibezele umhlathi.

Eyona nto ithandwa nguNeo \_\_\_\_\_, kodwa uBella uthanda ukutya \_\_\_\_\_. UAfrika uthanda ukutya \_\_\_\_\_ kanti eyona nto imnandi ndithanda ukuyitya \_\_\_\_\_. Imnandi!




Neo/uNeo



Bella/uBella



Afrika/uAfrika



ice cream/ yiayisikhrim



bananas/ iibhanana



watermelon/ ivatala

Answer: 2. Neo's favourite treat is ice cream, but Bella loves to eat bananas! Afrika likes eating watermelon and my favourite thing to eat is \_\_\_\_\_. Imnandi!

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan



Drive your imagination

